

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

Ixesha: 2½ liyure

Amanqaku: 100

QAPHELA

1. Eli phepha linamaphepha ali-17.
 2. Phendula yonke imibuzo esephepheni.
 3. Funda ngenyameko, uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.
 4. Imibuzo yonke mayiphendulwe ngesiXhosa.
 5. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.
 6. Pela amagama kakuhle, wenze imihlathi ngokufanelekileyo.
 7. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule umbuzo **3.1**, umbongo ongamiselwanga.
 8. Bhala cocekileyo.
-

ICANDELO A

UMBUZO 1

1.1 ISICATSHULWA A

Funda esi sicutshulwa silandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo.

INTSHOLONGWANE YESIFO SIKAGAWULAYO



- 1 Intsholongwane yesifo uGawulayo ebizwa ngokuba yi-HIV yenza isifo ekuthiwa yi-AIDS. I-HIV yi-STD. Loo nto ithetha ukuba xa umntu ethe wabelana ngesondo nomntu onentsholongwane kaGawulayo naye usenokosuleleka. Ukwabelana ngesondo yeyona ndlela abantu abosuleleka ngayo yintsholongwane kaGawulayo.
- 2 Intsholongwane kaGawulayo ihlasela amajoni omzimba. La majoni akhusela umzimba kuzo zonke izifo. Intsholongwane yesifo sikaGawulayo iyawabulala la majoni. Umzimba uye ungakwazi ukuzikhusela kwizifo.
- 3 Umntu usenokuhlala iminyaka emininzi nentsholongwane kaGawulayo ephilile. Emva kwethuba elide umzimba uye ungakwazi ukulwa izifo, kuthiwe loo mntu unesifo sikaGawulayo. Umntwana ongekazalwa uba nayo intsholongwane kaGawulayo xa umama wakhe enayo le ntsholongwane. Oogqirha bayabakhuthaza oomama abakhulelweyo ukuba basebenzise ii-ARVs ukuze umntwana angosulelwa yintsholongwane kaGawulayo.
- 4 Inye indlela umntu angazazi ngayo ukuba unayo le ntsholongwane kaGawulayo, kukutsala igazi.
- 5 Ulutsha luba ngamakhoba esifo sikaGawulayo nentsholongwane yaso. Esi sifo asosuleli nakanjani. Umntu akosuleleki kukusebenzisa ithoyilethi nomntu ophila nesifo sikaGawulayo. Umntu akosuleleki ngokukhwela emotweni okanye eteksini nomntu onesifo sikaGawulayo. Nokuba uhlala edesikeni okanye esitulweni kunye naye, awosuleleki.
- 6 Abantu bathetha izinto ezingeyonyani ngesi sifo. Abanye abantu bathi xa umntu enesifo sikaGawulayo, kufuneka abelane ngesondo nomntwana omncinane ukuze esi sifo siphele. Abanye bathi umntu osebenzisa ikhondom xa esabelana ngesondo akayi kosulelwa yintsholongwane kaGawulayo. Konke oku asiyonyani.

[Eli nqaku lithathwe kwincwadi: KwaXhosa zibenza zibutya – ibanga 12]

| Glossary: | |
|-----------|------------------|
| ekuthiwa | esibizwa ngokuba |
| ihlasela | ibulala |
| kwethuba | kwexesha |

1.1.1 Kumhlathi woku-1:

- (a) Isifo ekuthiwa yi-AIDS sibangelwa yintoni? (1)
- (b) Umntu angosuleleka njani yintsholongwane kaGawulayo? (1)

1.1.2 Kumhlathi wesi-2:

- (a) Yintoni efika ihlaselwe yintsholongwane kaGawulayo emzimbeni womntu? (1)
- (b) Yintoni umsebenzi wale nto uyixele ku 1.1.2 (a)? (1)
- (c) Umntu uba nesifo sikaGawulayo xa kwenzeke ntoni emzimbeni wakhe? (1)

1.1.3 Kumhlathi wesi-3:

Yintoni ebangela ukuba oomama abakhulelweyo bakhuthazwe ukuba basebenzise ii-ARVs? (1)

1.1.4 Kumhlathi wesi-4:

Nika indlela umntu angazazi ngayo ukuba unentsholongwane kaGawulayo. (1)

1.1.5 Kumhlathi wesi-5:

Chaza iindlela zibe **mbini** esi sifo esingosuleli ngaso. (2)

1.1.6 Kumhlathi wesi-6:

Bhala phantsi into ibe **nye** engeyonyaniso ethethwa ngabantu ngesifo sikaGawulayo. (1)

[10]

1.2 ISICATSHULWA B

Funda le ncoko yaba babini, wakugqiba uphendule imibuzo.



THEMBA: Ngamanye amaxesha zama ukufunda ukutshaya David, ukuze ingqondo yakho ibe kleva mfondini.

DAVID: Andifuni kwaye andizimiselanga ukutshaya. Uthi ilungile le nto yenu nikhohlela leli cuba?

THEMBA: Kanene David uhamba icawa. Khawutsho, phaya ecaweni yenu ingaba niyaxelelwa ngecuba?

DAVID: Icawa Themba ayishumayeli ngecuba. Mna ndincedwa ngumbutho wethu wolutsha osicebisa ngobungozi becuba emzimbeni. Iiradiyo nazo zinazo iinkqubo ezinceda uluntu ngokubalumkisa ngeengozi zokutshaya.

THEMBA: Suka apha David! Ayikho le nto uyithethayo wena.

DAVID: Kanene wena khangela umamele xa utitshala esilumkisa. Uthe icuba linenikhothini eyityhefu eyingozi. Le nikhothini yenza ukuba intliziyo iguge msinyane. Abantu abatshayayo baba nesifo sentliziyo, bayakhohlela baze babenomhlaza wemiphunga.

THEMBA: Asizomfundiso zikatitshala ezikwenza ungatshayi, David. Woyika utata wakho. Uyindoda nawe tshaya njengamadoda onke.

DAVID: Andimoyiki utata Themba. Uyaphazama. Utata ndiyamhlonipha. Nokuba ndingayindoda soze ndilingane notata. Ndinga ukuba mhloniphe nawe utata wakho ungamoyiki.

THEMBA: Ndiyakusizela, *shame!* Uza kufa ungabonwabelanga ubomi wena.


[Esi sicutshulwa sithathwe kwincwadi: *Umthombo*, Ibanga 12]

| Glossary: | |
|-----------|----------------------|
| Ityhefu | ipoyizini |
| -hlonipha | -nika imbeko/thobela |

- 1.2.1 Bhala igama elibonisa ukuba aba bantu babini bathetha apha bangabahlobo. (1)
- 1.2.2 UThemba uthi ingqondo kaDavid iza kubanjani xa etshaya? (1)
- 1.2.3 UDavid uthi icuba libenza ntoni ooThemba? (1)
- 1.2.4 Afunyanwa phi amacebo alumkisa abantu ngeengozi zokutshaya? Nika zibe mbini. (2)
- 1.2.5 Nika igama letyhefu efumaneka ecubeni. (1)
- 1.2.6 Le tyhefu ibangela eziphi izigulo ebantwini abatshayayo? Nika zibe **mbini**. (2)
- 1.2.7 UDavid uthi uThemba makamhloniphe utata wakhe angamoyiki. Ucinga ukuba kutheni esitsho? (2)
- [10]**

1.3 ISICATSHULWA C

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Lo mfanekiso uthathwe kwincwadi *isiXhosa FAL*, Ibanga 12: ibhalwe ngu Mrs S. Roodt]

- 1.3.1 Ikwesiphi isitalato iCinema? (1)
- 1.3.2 Xela igama lefilim edlalayo. (1)
- 1.3.3 Ngubani umdlali ophambili wale filim? (1)
- 1.3.4 Wena uthanda eyiphi ifilim? Ngubani umdlali wayo ophambili? (2)
- 1.3.5 Xa ujonge emfanekisweni injani imozulu? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.3.6 Ingaba iteksi imise endaweni elungileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.3.7 Uthengisa ntoni lo mntu uhleli phandle, phakathi kweCinema neSam butchery? (1)

[10]

30 amanqaku

ICANDELO B

UMBUZO 2 USHWANKATHELO/ISISHWANKATHELO

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze usishwankathele ngawakho amazwi. Bhala amagama angama-60 ukuya kumagama angama-70.

QAPHELA:

- Ungabhala izivakalisi **ezintlanu ezinomthamo** ezibonisa iingongoma eziphambili;


OKANYE

- **Umhlathana** oza kubonisa iingongoma ezintlanu eziphambili.

Xa ushwankathela yenza oku:

- Fundisisa isicutshulwa ude usiqonde ukuba sithetha ngantoni.
- Sebenzisa amazwi akho kangangoko unakho.
- Musa ukujikeleza/ukushwaqa, hlala emxholweni ungalibali luphinda-phindo olungenamsebenzi.
- Ubuchule kukuba uqale usibhale ecaleni phambi kokuba ubhale owona msebenzi uqonda ukuba ufezekile.
- Nceda ulibhale phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakuba ugqibile ukubhala ushwankathelo.

IKHAYA



Ikhaya kulapho umntu aqeqeshwa khona ukuze abe luncedo esizweni. Umntwana osuka kwikhaya elingamqeqeshanga ufana nenkunkuma. Ikhaya kulapho abantwana bakhululekileyo aboyiki nto kuba bakhuselekile. Umntwana uyonwaba kokwabo ngaphezu kokuhlala komnye umzi. Xa umntwana eye kudlala komnye umzi, ngexesha lokugoduka ushiya bonke ubumnandi bokudlala, agoduke.

Umntwana unelungelo lokufumana yonke into ayifunayo kwikhaya lakhe. Xa kuphakwa, umntwana ngamnye uba nesitya sakhe atyela kuso. Ukuba akekho, ukutya kwakhe kugcinwa kakuhle. Abantwana banelungelo ekhayeni labo abangenakulifumana komnye umzi.

Ikhaya kulapho abantwana bahluthayo nokuba abazali bayahlupheka. Into ehluthisa abantwana luthando olushushu lwabazali. Abantu abangazalaniyo neli khaya, xa befikile baye bazive besekhaya. Akhona amakhaya apho ungafika kukho abantwana abaninzi. Kuye kuthi kanti umntwana weli khaya mnye okanye babini. Le nto yenziwa luthando lwabazali beli khaya.

Abantu bayaxabana/bayalwa emakhaya. Umama notata wekhaya bakhe baxabane, kodwa loo nto ingaziwa ngabantwana. Aba bazali baxabana baxabanele kwindawo efihlakeleyo. Le iba yingxabano eyaziwa ngabazali kuphela.

Kufuneka sihloniphane nje ngasemakhaya ukuze ilizwe libe likhaya lethu sonke. Abantu kufanele babambane babe banye, bangalwi. Umntwana ophuma kwikhaya elifundisa imbeko nesimilo ufana nesibane esikhanyisa ilizwe.

[Eli nqaku lithathwe kwincwadi: *Kungaqhuma kubasiwe* ngu-L. L. Ngewu laze lalungiselelwa isiXhosa FAL ngabakwa-IEB]

10 amanqaku

ICANDELO C

UMBUZO 3

Unyanzelekile ukuba uwuphendule lo mbuzo.

Phendula yonke imibuzo ekweli candelo.

UMBONGO ONGAMISELWANGA

3.1

MAMA AFRIKA



- 1 Bekusebusika usifudumeza, Mama, Afrika.
Bekusehlotyeni usipholisa, Mama, Afrika.
Bekusemnyameni wasinika ukhanyo, Mama, Afrika.
Mama mzalikazi wenene, Mama, Afrika.
- 2 Ungumzali kumnyama kumhlophe!
Unobubele kumnandi kukubi nasebomini!
Ngob'indima yakho bubuzali kwasendalweni!
Ukuvez' uthando, ububele, noxolo nenkathalo.
- 3 Kwakudala ngeemini zokungonwabi ubonakalis' ubuzali.
Kwasekuqaleni ngeemini ezinzima ubonakalis' uthando
Apho kukh' ingxabano ungumxolelanisi.
Iminyaka emininzi ubonakalis' ithemba!
Inkulungwane yama-Afrika! Inkulungwane yethemba!
Ithemba elalikho kudala.

[T. Skuni]

Glossary:

| | |
|--------------|--|
| Usifudumeza | usenza shushu |
| Mzalikazi | umzali omkhulu/oyena mzali |
| Ingxabano | ukungabikho koxolo/imvisiswano |
| Umxolelanisi | umntu owenza kubekho uxolo/odala uxolo |
| Inkulungwane | iminyaka elikhulu |

3.1.1 Loluphi udidi lomhobe olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.2 Kwisitanza soku-1:

(a) Nika umzekelo ube mnye wesixhobo sokubonga esisetyenziswe yimbongi. (1)

(b) Nika igama **lesafobe** esikrwelwe umgca ngaphantsi. (1)

3.1.3 Kwisitanza sesi-2:

(a) Bhala imiqolo/imigca ibe mibini apho imbongi isebenzise **uchasaniso**. (2)

(b) Yintoni indima kaMama Afrika kwasendalweni? Nika ibe nye. (1)

3.1.4 Kwisitanza sesi-3:

(a) UMama Afrika ubonakalisa ntoni ngeemini zokungonwabi? (1)

(b) Xa kukho ingxabano uMama Afrika wenza owuphi umsebenzi? (1)

(c) Nika isichasi seli gama 'emininzi'. (1)

[10]

IMIBONGO EMISELWEYO: A. B. STUURMAN; F. P. MAGQASHELA

3.2

IZINTO ZOMHLABA

- 1 Zona zinjalo ezeli phakade
 Zona zimajingi-qhiwu ezeli lizwe
 Zibukhali namhla; zibuthuntu ngomso
 Ziyavuya namhla; ziyalila ngomso
 Xa thina sihlanganisene namhla
 Sibe sahlukane singalaz' ingomso.
- 2 Xa intyatyambo ihluma
 Ikhule intle ibukelwe
 Ihombise ivathise umhlaba
 Iyolise iqhole umoya
 Ibe ibune ife itshabalale
 Ukhedam' umhlab' uhluthw' isivatho
- 3 Nkosi yam uyivumeleni na?
 Nkosi yam usihlutheleni na?
 Nkosi yam uzitshabalaliseleni na
 Ezi ntyatyambo zithandekayo?
 Nkosi yam uwathabathelani na
 Amathemba esizwe esahluma?
- 4 Gxebe kanene kwenzek' eyakh' intando
 Tarhu! Mhle ngokuvukel' umbuso weZulu
 Xolela bawo sone ngelizwi nemikhwa
 Sibhenela kwakuwe Mnini – ntozonke
 "Akuyi kubulala", zitshe izibhalo
 Ezalo mhlaba zona zimanyumnyezi.

[A. B. Stuurman]

3.2.1 Kwisitanza soku-1:

- (a) Imbongi ithi izinto zeli phakade zinjani? (1)
- (b) Beka ngawakho amazwi okuthethwa yimbongi kwesi sitanza. (2)

3.2.2 Nika intsingiselo **yesitanza sesi-2**. (2)

3.2.3 Kwisitanza sesi-3:

- (a) Ucinga ukuba yeyiphi le **Nkosi** imbongi ithetha ngayo? (1)
- (b) **Ithetha ukuthini** imbongi xa isithi:
 "Nkosi yam uwathabathelani na
 Amathemba esizwe esahluma?" (2)
- (c) Imbongi isebenzise esiphi isixhobo sokubonga kwesi sitanza? (1)

3.2.4 Kwisitanza sesi-4:

Imbongi ithi simone njani uBawo?

(1)
[10]

3.3

UMZALI

- 1 Ngumhlobo wakho wenene
Ithemba lakho maxa onke
Umlungiseleli yena ngenene
Ikhusho lakho maxa onke.
- 2 Yena ungcinga zakhe zilungileyo
Yena uminqweno yakhe mihle
Yena unzame zakhe zineenjongo
Unqwanela azamele impumelelo.
- 3 Iingalo zakhe zivulekile
Ubuso bakhe buzel' uncumo
Intliziyo yakhe ikhululekile
Uzenzo zihle zizezothando.
- 4 Ngeenjongo ezintle uyaluleka
Akohlwayi nganzondo nalunya
Ngobubele nobulali uyathuthuzela
Akaxhibi engenqala unothando.
- 5 Ngexesha leenzima yena uyathomalalisa
Ngexesha leenyembezi yena uyathuthuzela
Ngexesha lokutyhafa yena uyakhuthaza
Ngexesha lokuphambuka yena uyanqwanqwada.
- 6 Likho ikhaya engekho yena?
Buyintoni ubomi ngaphandle kwakhe?
Likho ikamva na engekho yena?
Abukho ubuncwane engekho wena mzali.

[F. P. Magqashela]

3.3.1 Shwankathela okuthethwa yimbongi kwisitanza soku-1.

(2)

3.3.2 Kwisitanza sesi-2:

(a) Imbongi isebenzise esiphi isixhobo sokubonga?

(1)

(b) Khetha intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kula alandelayo:

- (i) Unqumla
- (ii) Ufuna/urhalela
- (iii) Usebenza

(1)

- 3.3.3 Kwisitanza sesi-3 imbongi ithi umzali ngumntu onjani? Sebenzisa
awakho amazwi. (2)
- 3.3.4 Kwisitanza sesi-4 caphula apha kumbongo igama elithetha into enye
neli, '**uyaqeqesha**'. (1)
- 3.3.5 Kwisitanza sesi-5, imbongi isixelela ngemisebenzi ebalulekileyo
yomzali. Nika ube mnye. (1)
- 3.3.6 Nika umxholo wesitanza sesi-6. (2)
- [10]**

| |
|--------------------|
| 30 amanqaku |
|--------------------|

ICANDELO D

UMBUZO 4

Qwalasela le ntengiso ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Iziqhhamo! Iziqhhamo!



Iziqhhamo eziswiti, ezinencasa kwaye ezinamanzi amaninzi zakwaVulindlela. Ezi ziqhamo zinika izakha-mzimba, amandla kwaye zomeleza umzimba. Masizisebenzise singamakhaya nesizwe sonke ukuze somelele.

- 4.1 Kutheni igama "Iziqhhamo" libhalwe ngamagama amakhulu? (1)
 - 4.2 Ingaba sibhekise koobani esi sibhengezo? (1)
 - 4.3 Zezakwabani ezi ziqhamo? (1)
 - 4.4 Nika into ibe **nye** efumaneka kwezi ziqhamo. (1)
 - 4.5 Ezi ziqhamo zinika ntoni emzimbeni/ziluncedo njani ebantwini? Nika ibe nye. (1)
 - 4.6 Nika imizekelo ibe **mibini** yeziqhamo ezilapha kwesi sibhengezo. (2)
- [7]**

UMBUZO 5

Bhala ezi zivakalisi zilandelayo **kwisenziwa**.

- 5.1 Umfundi ufunda incwadi.
- 5.2 Utata uloba iintlanzi.
- 5.3 Inja yam iluma ikati kaJack.

[3]

UMBUZO 6

Lungisa amagama akwizibiyeli.

- 6.1 UJames yinkwenkwe (de).
6.2 Utitshala uthanda umntwana (lungileyo)
6.3 Umthi (pesika) ukhulile.

[3]

UMBUZO 7

Gqibezela le tafile njengakumzekelo:

| Umzekelo: imoto | yam | yona | yimoto | entle |
|-----------------|-----|------|--------|-------|
| Ikhaya | 7.1 | 7.5 | 7.3 | 7.4 |
| Iinkomo | 7.5 | 7.6 | 7.7 | 7.8 |

[4]

UMBUZO 8

Bhala ezi zivakalisi **kwisilanduli**:

- 8.1 UCandice mhle.
8.2 Abafundi babefunda izifundo zabo.
8.3 Ngumfazi wam lo.

[3]

UMBUZO 9

Fakela **isihlanganisi** esifanelekileyo kwezi zivakalisi zilandelayo:

| | | | |
|-------|------|-------|----|
| ukuze | kuba | kodwa | xa |
|-------|------|-------|----|

- 9.1 Ndixelele _____ ungaqondi.
9.2 Funda iincwadi zakho _____ upase.

[2]

UMBUZO 10

Phinda ubhale esi sivakalisi sibe kula **maxesha** alandelayo.

| |
|--------------------|
| Usisi uba iiswiti. |
|--------------------|

10.1 Ixesha ebelidlula.


10.2 Ixesha elizayo.

10.3 Ixesha elalidlula.

[3]

UMBUZO 11

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi, uze ubhale **isinciphiso** segama ngalinye elikrwelelwe umgca ngaphantsi.



11.1 Lo mfo uthwele isidanga.

11.2 Lo mfo ubonisa usapho lwakhe iphepha lakhe lemfundo enomsila.

[2]

UMBUZO 12

Nika **isini sobukhomokazi** sesi sibizo:

Uyise

[1]

UMBUZO 13

Bhala esi sivakalisi kwingxelo-ntetho:

13.1 Umama: "Ziphi izitshixo zam?"

13.2 Umhambi: "Shu! Kushushu namhlanje."

[2]

| |
|--------------------|
| 30 amanqaku |
|--------------------|

Ewonke amanqaku: 100